basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

# ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## FEBRUWARI/MATSHI 2012

**IXESHA: 2 iiyure**

**AMANQAKU: 80**

**Olu viwo lunamaphepha asi-7.**

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Izincoko | (40) |
| ICANDELO B: | Imihlathana emide | (20) |
| ICANDELO C: | Imihlathana emifutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo omNYE kwicandelo ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza uyilo (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagramu/ flowu tshati/amagama ngundoqo, njalo-njalo). Hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-60 ubuncinci kwiCANDELO A, imizuzu engama-30 kwiCANDELO B nemizuzu engama-30 kwiCANDELO C.

8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

   QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isincoko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-150 ukuya kwi-180.

### UMBUZO 1

1.1 Ifashoni yale mihla. Bhala isincoko uchaze ngefashoni yale mihla. Ziintoni ozithandayo okanye ongazithandiyo ngale fashoni. **[40]**


1.2 Itheko lomhla wokuzalwa kwam. Bhala isincoko ubalise okanye uchaze ngeli theko. **[40]**

1.3 Amasela nootsotsi baninzi kule mihla eMzantsi Afrika. **[40]**

1.4 Ndikhe ndaphuma nosapho lwam saya epikinikini kwindawo yolonwabo ekufutshane. **[40]**

1.5 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi uze ubhale isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.5.1




**[40]**

## ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Khetha umhlathana omde ube mNYE kule ilandelayo. Bhala ama-60 ukuya kuma-80 amagama. Bhala kwiphepha elitsha.

### UMBUZO 2

**2.1 INGXOXO**


Uncokola nomama wakho malunga nokuya kwitheko (kwipati) elikwiklabhu yasebusuku nomhlobo wakho. Umama wakho akayithandi le nto. Bhala le ngxoxo phakathi kwakho nomama.



**[20]**

**2.2 ILETA YOBUHLOBO**

Wena uzuze imbasa (ibhaso) yokukhenketha kwiindawo ezinomdla eMzantsi Afrika. Bhala ileta uxelele umhlobo wakho.



**[20]**

2.3 **ILETA ESEMTHETHWENI**


Ubone isibhengezo somsebenzi owuthandayo kwiphephandaba. Bhalela umanejala walo msebenzi ileta wenze isicelo sokusebenza kwindawo yakhe.




**[20]**

2.4 **IRIVYU**

Usandul'ukufunda incwadi oyithandileyo. Bhala irivyu ngale ncwadi uthethe ngabadlali, indawo, ibali (umxholo), izinto ozifundileyo nezinika umdla kule ncwadi.



**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 20**

## ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Khetha umhlathana ube mNYE kule ilandelayo. Bhala ama-40 ukuya kuma-60 amagama. Bhala kwiphepha elitsha.

**UMBUZO 3**

3.1 **ISINGENISO SEDAYARI**

Iveki ephelileyo ibimnandi kakhulu kuwe esikolweni. Bhala isingeniso sedayari ukusuka ngoMvulo ukuya kuLwesihlanu weveki ephelileyo. Qala isingeniso ngasinye ngokubhala umhla. **[20]**

3.2 **IFLAYA**

Izolo kulahleke inja yakho. Bhala iflaya oza kuyixhoma emithini, kwiipali zombane nakwindawo ohlala kuyo. Injani le nja, ingakanani, igama layo, ithini idilesi yakho nenombolo yakho yefowuni?


**Iphi nja yam?!**



**[20]**

3.3 **ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Uthengisa imoto entsha kraca. Yila uze ubhale isibhengezo-ntengiso ngale moto uthethe ngodidi (ngohlobo) lwayo, umbala, ixabiso nezinye izinto ezintle ngayo.



**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 80**